URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**AA Africa**
ICandelo i-Cape Teaching and Leadership Institute
(kubandakanywa i-EDULIS)
EDULIS@westerncape.gov.za | 021 957 9618

Inombolo yefayili.: 23/3/R
Isalathiso: 20220218-9916

INgcaciso eMfutshane yeCandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute*: 0003/2022

Iya: KuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo, kuBasebenzi abaNika iNkxaso kooTitshala nakuBafundi kwiMfundo eneeMfuno eziZodwa, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente

**Isihloko: Ukubeka esweni ukufumaneka kweencwadi zokufunda ezikolweni**

1. UMongameli uRamaphosa, kwiNtetho yakhe engoBume beSizwe yange-20 Juni 2019, wabophelela iSebe leMfundo esiSiseko (DBE) ekuqinisekiseni ukuba bonke abantwana abaneminyaka eyi-10 baya kukwazi ukufunda nokuqonda intsingiselo engadlulanga unyaka ka-2030.

2. ISebe iDBE ligunyaziswe ukuba likuqinisekise ukwenzeka koku ngokuthi libe nengqiniseko yokuba zonke izikolo ziyaxhaswa ekuqaliseni iiprogram zokufunda yaye izikolo zineencwadi ezaneleyo zokufunda ukuncedisa ukuphuhlisa isakhono sokufunda.

3. Ngako oko izikolo kufuneka zibekwe esweni ukwenzela ukufumaneka kweencwadi zokufunda.

4. Kucelwa iinqununu ziyizalise yaye ziyisayine ifom eqhotyoshelweyo yokubeka esweni iincwadi zokufunda zize ziyigcine kwifayili ngokukhuselekileyo. Le fom izalisiweyo (kwifomathi yekhompyutha) iya kucelwa ngu-*EDULIS* ngexesha elifanelekileyo.

5. Niyabulelwa ngentsebenziswano yenu ngalo mba.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2022-03-09